URhulumente
weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*FET*

Isalathiso: 20170505-551
12/2/11/1/2
Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 0015/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso ngeze-*IMG*, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo eziziisekondari

**Isihloko: Isicelo sokuba izikolo zikhumbule uSuku lweAfrika kwiveki yowama-22 ukuya kowama-27 Meyi 2017**

1. Umhla wama-25 kuMeyi ukhunjulwa qho ngonyaka eMzantsi Afrika "njengoSuku lweAfrika".

2. Injongo yokukhumbula uSuku lweAfrika kukubhiyozela uManyano lweAfrika nenkululeko yamazwe aseAfrika kwiziphatha-mandla zobukoloniyali (*colonial powers*).

3. Esi sikhumbuzo siya kunika ithuba lokwazisa nokuba nokwazi ngokufanayo iyantlukwano yeenkcubeko ezahlukeneyo ezikolweni, lo gama esi sikhumbuzo sisombulula abona nobangela bokuhlaselwa kwabemi bamanye amazwe abakwiindawo zoluntu lwasekuhlaleni.

4. Kucelwa iinqununu nootitshala bafumane ixesha elifanelekileyo kwiveki yoSuku lweAfrika lokwazisa abafundi ngobaluleko lolu suku kubo bonke abemi.

5. Apha kufakwe nezihlomelo ezilandelayo:
   - **Isihlomelo** ukuncedisa malunga nemisebenzi yolu suku
   - Iikopi **zoMhobe weManyano yeAfrika (AU)**

6. UMhobe weAU (*AU Anthem*) uyafumaneka ngokunjalo nakwiziko lewebhu leSebe leNtshona Koloni apha:

http://www.wcedcurriculum.westerncape.gov.za/index.php/student-parent-support/africa-day-celebrations.

7. Ukufumana ingcaciso engaphezulu kucelwa uqhagamshelane no-Bridget Tobin, oyi-DCES yezeMbali, kule dilesi ye-imeyili Bridget.Tobin@westerncape.gov.za okanye kule foni 021 467 2590.

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU- PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2017-05-11